URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo loVavanyo

Isalathiso: 20170111-7180
13/7/1/2
Imibuzo: TJ Magwaca

Ingcaciso Emfutshane Yecandelo Lolawulo Lovavanyo: 0002/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kubaPhathi: beZoncedo ngezeKharityhulam; kuBacebisi ngezeKharityhulam, kubaPhathi beeSekethe; kubaPhathi bezeNgcaciso: uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko : Iidrafti zokuqala zezi thayimthebhile:

1. **EyeeMviwo zeMatriki zangoJuni 2017**
2. **EyeeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zikaNovemba 2017**

1. Kuqhotyoshelwe apha iikopi **ezi ziidrafti zokuqala** zeethayimthebhile zezi Mviwo zilandelayo: EyeeMviwo zeMatriki zangoJuni 2017 neyeeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zikaNovemba 2017.

2. Imihla ekuya kubhalwa ngayo ezi mviwo yenzelwe isigqibo liSebe leMfundo esisiSeko (*Department of Basic Education (DBE)*) ngokubhungisana namaSebe eMfundo amaPhondo (*Provincial Education Departments (PEDs)*). Ezi thayimthebhile zingatshintshwa kancinane ukuba kuye kwakho ukungqubana kwemihla yokubhala okwaziswe nayeyiphi na yee-PEDs.

3. Ziyacelwa iinqununu nabaphathi bamaziko ukuba zazise konke ukungqubana kwemihla yokubhala kwiithayimthebhile okanye izifundo ezingaba zishiyelelwe ngempazamo kwiSebe i-WCED. Ezo ngxelo mazingeniswe ngencwadi ebhaliweyo ethunyelwa ngefeksi okanye nge-imeyili kweli gosa lilandelayo **phambi koLwesihlanu we-24 Februwari 2017**:

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2626 fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

Mr TJ Magwaca (Room 5-27)
Western Cape Education Department
Private Bag X9114
CAPE TOWN
8000
Fax: 086 668 9761 / 021 467 9370
E-mail address: Tebo.Magwaca@westerncape.gov.za

4. Ukuba inqununu okanye umphathi weziko ucela ukutshintshwa kwesifundo okanye kwephepha lemibuzo kumhla othile obekiweyo, makacebise umhla eso sifundo okanye elo phepha elingabhalwa ngawo aze anike iSebe i-WCED isizathu esixhasa olo tshintsho lucelwayo. Nakuba kunjalo, utshintsho lomhla wokubhala isifundo okanye iphepha luya kuqwalaselwa kuphela ukuba ngaba alusayi kubangela ingxaki eya kumisa kakubi uninzi lwabaviwa abachatshazelwa lolo tshintsho.

5. Mayisoloko ikhunjulwa into yokuba ezi thayimthebhile **zezethutyana** yaye zisenokutshintshwa. **Iithayimthebhile zoviwo zokugqibela (*final examination timetables*)** ziya kuthunyelwa kuwo onke amaziko emfundo zakuba nje zivunyiwe liBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers*).

6. Kucelwa ukuba wazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke abaviwa abaya kube bebhala naluphi na uviwo kwezi mviwo zikhankanywe apha ngasentla.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-17